



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Isikhokelo se-DIY sokukhangela nokulungisa ukuvuza kwamanzi

Amanzi ngoyena ndoqo kwizinto zendalo. Ukuhlala kule ngingqi yethu enqatyelwe ngamanzi kuthetha ukuba sonke simele sisebenzise amanzi ngobulumko. Ukukhangela nokulungisa iindawo ezivuzayo kubaluleke gqitha ekunciphiseni ilahleko yamanzi kumakhaya ethu, amashishini, iklabhu zezemidlalo, izikolo, iindawo zokukhonza kunye naphina kwiindawo esihlala kuzo. Ukulungisa iindawo ezivuzayo kwipropati yakho luxanduva lwakho. Ngokomthetho, iindawo ezivuzayo zimele zilungiswe ngokukhawuleza, nto leyo eya kukongela imali. Sebenzisa esi sikhokelo siluncedo esiza kukunceda ukuba uzifumane kwaye uzilungise.



Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

UKUZIKHUSELA NGOKOMTHETHO:

Nangona isekelwe kwezomthetho,
le nkcazelo inikelwe apha kule
ncwadana ibekwe ngolwimi olulula
noluqondakalayo ngeenjongo zokunika
iingcebiso ngendlela yokusebenzisa
amanzi nokuwalondoloza kubaxumi
nakuluntu ngokubanzi. Xa kungenzeka
kubekho ukungavumelani nemimiselo
ekwesi sikhokelo, umthetho owisiweyo
oyintloko nguwo oza kusebenza kwaye
kumele kujongwe wona ngokuthe
ngqo. Kungenjalo, nceda ufumane
ingcebiso zengcali ezimeleyo malunga
nomba lowo. ISixeko saseKapa asisayi
kwamkela luxanduva nangaliphi
inyathelo eliyakuthi lithathwe
ngokusekelwe kwinkcazelo elapha
ngaphakathi.

Iziqulatho



Khangela. Lungisa.



Indlela yokuhlola ukuba kukho ukuvuza okukhoyo ekhayeni lakho



Indlela yokukhangela nokulungisa indawo ezivuzayo



Indlela yokuhlola ukuvuza endlwini yangasese



Indlela yokuhlola ukuvuza kwisilinda yamanzi ashushu



Indlela yokutshintsha iwashara yetephu



Indlela yokuhlola ukuvuza kwamanzi ngaphantsi komhlaba



Imibuzo esoloko ibuzwa

Khangela. Lungisa.

Iindawo ezivuzayo zingachitha izantyalantyalala zamanzi, enoba kusekhaya okanye kwishishini. Ukukhangela nokulungisa iindawo ezivuzayo ngundoqo wokuphelisa ilahleko yamanzi kwipropati yakho. Itephu enye ethontsiza amanzi ingalahla iilitha zamanzi ezili-15 ukuya kwezingama-90 ngosuku - loo manzi angazalisa iqula lokuqubha elincinane ngonyaka. Indlu yangasese evuzayo ilahla amanzi ngokuphindwe kane - loo manzi angazalisa iqula elincinane rhoqo kwiinyanga ezintathu. Iindawo ezivuzayo zivuzwa abantu bona bengaboni (ingakumbi ukuba loo ndawo ivuzayo iphantsi komhlaba), oko kungaqhubeka kangangeenyanga ezine okanye kangangeminyaka. Oku kudla imali kuba akuvelisi manzi asetyenziselwa ukunceda, kwaye kuphungula amanzi kumadama ethu ngokungeyomfuneko.

Ukulungisa iindawo evuzayo kusengangena kancinane epokothweni, kodwa kuza kukhawuleza kukubuyekeze - mhlawumbi ngenyanga nje enye okanye ezimbini ngokuvuza kwendlu yangasese, itephu okanye igiza evuzayo kuquka ukufakelelwa iwashara yiplamba. Ikhawuleza ibuye imali yakho xa uzenzela ngokwakho oku. Khumbula, ukuvuza kulahla amanzi kwaye kunganyusa indlela owasebenzisa ngayo amanzi kwibloko yesicwangciso sokuhlalwa, kwaye ukuwasebenzisa ngokugqithiseleyo kuye kunyuse ityala lakho lamanzi achithakalayo.

Ngenxa yezi zathu, ukuba urhanela ukuba unendawo evuzayo ekhaya efuna ukulungiswa, ungazibazisi: Yikhangele. Yilungise.

Indlela yokuhlola ukuba kukho ukuvuza okukhoyo ekhayeni lakho


- 1** Vala yonke into esebenzisa amanzi. Vala zonke iitephu kwindawo okuyo kwaye ungagungxuli nayiphi na indlu yangasese.


- 2** Hlola uze ubhale amanani akwimitha yakho.


- 3** Linda kangangemizuzu eli-15 uze uphinde ubhale kwakhona. Qiniseka ukuba akukho mntu uye wavula iitephu okanye wagungxula indlu yangasese ukususela ekuqaleni kwakho ukubhala imitha.


- 4** Ukuba kukho umahluko kwinani, kukho indawo evuzayo efuna ukulungiswa. NgokoMthetho kaMasipala waManzi nguwe ekufuneka ukhawuleze wenze into ngaloo ngxaki.


- 5** Sebenzisa esi sikhokelo se-DIY ukulungisa ukuvuza okungephi ngokwakho, okanye ubize iplamba ize kukunceda.




Ukuba uqeshile okanye akunayo imitha obekelwe yona, nalapho ikwanguwe omele unqumamise oko kuvuza. Mhlawumbi ahlawulelwa nguwe nala manzi alahlekayo ube wena ungakwazi oko. Ngaphezulu, ukuba akuyifumani, uyilungise okanye uyixele loo ndawo ivuzayo usenganoxanduva lokuhlawulela loo manzi.

Ungalibazisi. Yikhangele. Yilungise. Okanye okungenani chazela umphathi wepropati okanye umnini propati.

Indlela yokufunda imitha yamanzi

Ukufunda imitha yamanzi akukho nzima. Vula ibhokisi yemitha yamanzi. Ukuba ibhokisi yemitha yamanzi itshixiwe, abasebenzi beSixeko saseKapa bangayivula ngesitshixo sebhokisi xa beze kufunda imitha. Kungenzeka ukuba imitha yakho ifane nenye kwiintlobo ezimbini ezisetyenziswa eKapa, eziboniswa apha ngezantsi. Zombini zibhala into efanayo, kodwa zibonisa inkcazelo ngendlela eyahluke kancinane. Le mifanekiso ilapha ngezantsi ikubonisa indlela yokufunda ngeentlobo zombini.

Enye ineseti yeenombolo ngasentla kunye namasiba akwindawo engqukuva. Kukho iindidi ezahlukehlukeneyo, ngoko ke zisengabonakala zingafani kancinane, kodwa zonke zinezi mpawu. Olunye uhlobo lunamanani kuphela akukho masiba akwindawo engqukuva.



Qaphela ukuba umele ujonge ngokukhethekileyo apho kubonakala into ehambayo kweli cala linamanani amancinane abonisa iilitha zamanzi okanye iqhezu leelitha, ngenxa yokuba akunakwenzeka ukuba kwimizuzu eli-15 kubekho inani elikhulu lokusebenzisa amanzi (umz. akunakwenzeka ukuba inani libe ziilitha ezili-1 000) Kwezi zinamasiba kwiindawo ezingqukuva, jonga amasiba abonisa iilitha (0.001) okanye isiqingatha seshumi seelitha (0.0001). Kwimitha ebonisa iinombolo kuphela, jonga phaya kweli cala lingasekupheleni ngasekunene kumanani apho iilitha (eyesi-2 ukusuka ekhohlo) kunye nesiqingatha seshumi seeelitha (kweli cala likude ngasekunene).

Indlela yokufumana iplamba.

Ukuba akukho lula kuwe ukwenza lo msebenzi ngokwakho, usengakhetha ukubiza iplamba. Kubalulekile ukusebenza nomntu onezakho ezivunyiweyo nezibhalisiweyo. Ukuze ufumane iiplamba ezibhalisiweyo eKapa tyelela ku-www.capetown.gov.za/thinkwater. Qaphela: ISixeko asinaxanduva ngawo nawuphi na umsebenzi owenziwe yiyo nayiphi na iplamba kwezi zikolu luhlu.

Kubalulekile ukusebenzisa izinto ezisemgangathweni xa ulungisa uze unqande ukuvuza. Ukuba iplamba kufuneka ifakele oopayipi, iifithingi okanye ezinye izinto ezifakelelwayo qiniseka ukuba kusetyenziswa izixhobo ezivunywe yi-SABS. Uluhlu lwezixhobo zeplamba ezivunyiweyo zifumaneka kwiwebhusayithi ye- JASWIC (Joint Acceptance Scheme for Water Service Installation Components) ku-www.jaswic.co.za.

Ukuba akukwazi ukuhlawula iplamba, okanye akukwazi ukulungisa oko kuvuza ngokwakho, gcina itephu eyintloko (evala amanzi) ivaliwe xa ungawasebenzisi amanzi.



Indlela yokukhangela nokulungisa iindawo ezivuzayo

Inkoliso yeendawo ezivuzayo kulula ukuzifumana, ukuba uyazi ukuba ukhangele phi. Jonga iindawo ezisiseko: izindlu zangasese, oopayipi bokuchitha amanzi beesilinda zamanzi ashushu (igiza) kunye neetephu. Ezi zezona ndawo zithanda ukuvuza. Indawo ebonakala iluhlaza ukodlula ezinye egadini yakho okanye indawo enebala lobumanzi edongeni okanye indawo egangathekileyo nayo isengabonisa ukuba kukho upayipi ovuzayo. Ngaphandle kokuba uqinisekile ngokwenene ukuba kukho indawo evuzayo phantsi komhlaba, hlola iindawo ezifumaneka lula apha phezu komhlaba kuqala - izindlu zangasese, iitephu neegiza - ngaphambi kokujonga ngaphantsi komhlaba kuba ziya kuxhoma kakhulu iindleko neengxaki zokwenza oko.

Indlela yokuhlola indlu yangasese evuzayo

1

Mamela amanzi
athontsizayo ethobhini
lendlu yangasese.



2

Thatha iphepha lendlu
yangasese wosule ngalo
apha ngaphakathi ecaleni
ngasemva ethobhini.
Ukuba liye lamanzi,
mhlawumbi kukho indawo
evuzayo.



3

Yithi chatha amaqabaza ali-15
esitshintshi sebala sokutya
kule ndawo yokugungxula.
Ukuba emva kwemizuzu
eli-15, amanzi asethobhini
atshintsha umbala kukho
indawo evuzayo.



Ukuba kukho indawo evuzayo, hlola ukuba ibangelwa yintoni. Vula isiciko sendawo yokugungxula uze ujonge umthamo wamanzi ukuba ume phi:

- Ukuba umthamo wamanzi umelene ngqo nopayipi wokutyekeza amanzi okanye ungena kuwo, kuthetha ukuba izinga libekwe laphezulu kakhulu okanye ivalvu yamanzi iyavuzwa.
- Ukuba umthamo wamanzi ungaphantsi kopayipi wokutyekeza, yivalvu yokugungxula evuzayo.
- Ivalvu yokugungxula nayo isenokuba igugile okanye yonakele itsho ibangele amanzi avuzele ethobhini. Fakela iwashara yevalvu yokugungxula – qhubeka ujonge.

Indlela yokumisela izinga elichanekileyo lamanzi


Ukuba amanzi ayaphuma kupayipi wokutyeka amanzi, kuthetha ukuba izinga lamanzi akho liphezulu kakhulu. Oku kungalungiswa ngokuthoba ukusetwa **kwevalvu edlulisa amanzi** ngenye yezi ndlela zilandelayo:

Indlela 1: Vala ivalvu yokuvala amanzi (indawo yokuvala amanzi), susa i-split pin uze uphakamise indawo ebambe ibhola edadayo kwindawo yokugungxula. Yigobe kancinci le ndawo ibambe indawo edadayo iye ezantsi. Ukuze ingophuki, yibambe le ndawo idadayo ngesinye isandla ngoxa ngesinye isandla uyigoba. Ukuba le ndawo ibambe ibhola edadayo indala isenokuba krwabakrwaba ize yophuke lula ngoko lumka. Xa uyibuyisela, qiniseka ukuba ingena kakuhle kusini na. Xa ugqibile, phinda uvule ivalvu yokuvala amanzi uze uhlole ukuba izinga lamanzi lehlile kusini na.

Indlela 2: Ukuba le valvu ifakwe ngeskrufu esijijekayo, jija iskrufu ukuhlisa le ndawo idadayo kancinane. Amanzi amele anyukele kwizinga elilapha phantsi kwendawo wokutyeka kwaye **ivalvu yendawo edadayo** imele ivale. Ukuba akwenzeki oku kwaye izinga lamanzi liqhubeka linyuka kwaye le ndawo yokugungxula iqalisa ukutyeka amanzi kwakhona, kufuneka kufakwe enye iwashara **yevalvu edadayo**.

Ukuba akukwazi ukubiza iplamba ngoko nangoko ukulungisa ingxaki yendlu yangasese enzulu, ngoko sebenzisa itephu yokuvala amanzi (ivalvu evala amanzi) elapha emva kwethobi ukuze ihlala ingadlulisi manzi xa kugqityiwe ukugungxulwa.

Indlela yokufakela iwashara yevalvu edadayo



Inyathelo 1: Vala ivalvu evala amanzi angaqhubeki engena kwindawo yokugungxula.

Inyathelo 2: Susa i-split pin kunye nendawo ebamba ibhola edadayo.

Inyathelo 3: Jija ukhuphe isiciko.

Inyathelo 4: Susa i-plunger ngokusebenzisa uxinzelelo lwamanzi ukusikhupha. (Vula itephu yokuvala amanzi kancinane.)


Inyathelo 5: Jija ukhuphe i-plunger yebrasi ukuze ukhuphe iwashara ebambeke ngaphakathi kuyo.

Inyathelo 6: Faka iwashara entsha. Phinda udibanise yonke into kakuhle – Inyathelo 4 ukuya kwinyathelo 1.

Inyathelo 7: Vula itephu yokuvala amanzi kancinane uze uhlole **ivalvu yendawo edadayo** iyavala kusini na xa indawo yokugungxula igcwele.

ICEBO: Abavelisi abahlukeneyo basebenzisa ubugcisa obahlukeneyo, ngoko kuhle ukuba uhambe nale **valvu yendawo edadayo** uye nayo xa uye kuthenga iwashara entsha oza kuyifaka ukuqinisekisa ukuba ufumana echanekileyo. Umthengisi usenokukufakela iwashara entsha kwaphaya evenkileni.

Indlela yokufakela iwashara yevalvu yendawo yokugungxula




- Inyathelo 1:** Vala ivavlu ukuze uvale amanzi angangeni kwindlu yangasese.
- Inyathelo 2:** Susa i-split pin kunye nendawo ebamba le ndawo idadayo.
- Inyathelo 3:** Susa le ntsinjani idibanisayo. Lumka ungophuli nto.
- Inyathelo 4:** Jija ususe le flenji ingezantsi uze ususe iwashara (khumbula ukuba leliphi icala lewashar ejonge ngakulo xa ufaka iwashara entsha). Musa ukuyinyanzela. Ukuba akukwazi ukususa le ndawo iphezulu **yevalvu yokugungxula**, biza iplamba evunyiweyo.
- Inyathelo 5:** Fakela iwashara entsha enecala elibutshona ijonge phezulu, Dibanisa kwakhona yonke into – inyathelo 4 ukuya kwinyathelo 1.
- Inyathelo 6:** Vula itephu yokuvala amanzi kancinane uze uhlole ukuba akukho ndawo ivuzayo.

ICEBO: Abavelisi abahlukeneyo basebenzisa ubugcisa obahlukeneyo, ngoko kuhle ukuthabatha iwashara endala uye nayo xa usiya kuthenga iwashara entsha oza kuyifaka ukuqinisekisa ukuba ufumana echanelekileyo.

Indlela yokuhlola ukuvuza kwesilinda yamanzi ashushu

Isilinda yamanzi ashushu okanye igiza, ngokufanayo nendawo yokugungxula, zinopayipi wokutyeka amanzi.

Inkoliso yeegiza zale mihla zinoxinzelelo oluphezulu kakhulu olulawulwa nge-thermostat kwaye zifakwe ivalvu yokunciphisa uxinezelelo. Kuqhelekile ukuba amanzi achiphize kupayipi wokutyeka, oxokonyezelelwe kwivalvu yokunabisa indlela yokuzikhulula. Amanzi aye abe banzi xa eshushu kwaye intwana yawo iyakhutshwa kule valvu ukuze kuphungulwe uxinzelelo oluphakathi kwisilinda nokuze kuthintelwe ukugqabhuka. La machaphaza amanzi angaqhubeka kangangeyure okanye ngaphezulu, kulahleke ukuya kwiilitha ezi-2 ngosuku. Kodwa ke, oku kumele kuphele xa ubushushu sele buzinzile. Endaweni yokulahla la manzi, amanzi atyekezwayo angatsalelwa egadini, okanye aqokelelwe asuke kupayipi ankcenkeshele izityalo.



Ukuba iyaqhubeka ithontsiza amanzi, okanye ivuza kakhulu, biza iplamba evunyiweyo.

Isilinda esebenza ngomxhuzulane (engenaxinzelelo) inevalvu edadayo efana neyendawo yokugungxula kwindlu yangasese yokulawula ukuphuma kwamanzi. Ingalungiswa ukuze kulungiswe izinga lamanzi kuze kuncitshiswe ukutyekazwa kwamanzi okanye kufakelwe iwashara yevalvu edadayo ukuba yona iphelile.

Zombini le inoxinzelelo nale yomxhuzulane zinobugocigoci kwaye zingayingozi kakhulu. ISixeko sicebisa ukuba ubize iplamba evunyiweyo xa kukho indawo evuzayo.


Ukuze ufumane uluhlu lweeplamba ezivunyiweyo eKapa, tyelela u-**www.capetown.gov.za/thinkwater**. Qaphela ukuba iSixeko asinaxanduva ngawo nawupni na umsebenzi owenziwa yi-plamba ekolu luhlu.

Indlela yokufakela iwashara yetephu

Hlola zonke iitephu endlwini nasegadini ukhangele ukuthontsiza. Itephu ethontsizayo idla ngokuthetha ukuba iwashara ifuna ukutshintshwa.

- Inyathelo 1:** Vala itephu yokuvala amanzi onke okanye ivalvu yokuvala amanzi ihambisana netephu, emva koko vula itephu iphelele.
- Inyathelo 2:** Jija iskrufu. Xa ujija itephu, yombathise ngelaphu ukuze ingakrweleki.
- Inyathelo 3:** Jija intsinjana ebambayo.
- Inyathelo 4:** Susa intsinjana ebambayo.
- Inyathelo 5:** Jija inathi ebambe iwashara uze ususe iwashara.
- Inyathelo 6:** Fakela iwashara entsha uze ubuyisele inathi. Qinisekisa ukuba unewashara efanelekileyo yesayizi yetephu leyo.
- Inyathelo 7:** Buyisela intsinjana ebambayo uze uskruvele isivalo.
- Inyathelo 8:** Vala itephu, uvule isitishi samanzi kancinane uze uhlole ukuvuza kwakhona. Musa ukuyiqinisa kakhulu itephu, kuba iwashara entsha ithambile kwaye yonakala lula.

Phawula ukuba ezinye itephu zezokuxuba amanzi ashushu nabandayo ndawonye elawulwa kwisiphathi esinye, esidla ngokuba lapha kumphantsi wetephu. Ezi, nezinye iintlobo zetephu, zisenokungabi nayo iwashara kodwa kunoko zisenokuba neemodyuli ezidityanisiweyo ezifuna ukususwa zonke. Ezi ngokuqhelekileyo zidla ngokuba nemigaqo yomvelisi neyeyohlobo lwetephu leyo. Xa zona kunye nezinye iitephu ezingenawashara, kuhle ukuba ubize iplamba evunyiweyo.




Indlela yokuhlola iindawo ezivuzayo phantsi komhlaba

Ezinye iindawo ezivuzayo phantsi komhlaba kulula ukuzibona, ngoxa ezinye kunzima kakhulu. Nokuba ubona indawo eluhlaza yodwa engceni, kukho umhlaba otshonayo, indawo enodaka okanye umhlaba omnyama egadini yakho, le ndawo ivuzayo yona kunganzima ukuyichonga. Ukuvuza kwaphantsi komhlaba kusengabonakala nangokuba kubekho ukufuma okukhoyo edongeni okanye kubekho amaqhuquhuva kuze kuxobuke ipeyinti okanye isamente kufutshane nomhlaba.

Izinto omele uziqwalasele xa urhanela ukuba kukho indawo evuzayo phantsi komhlaba:

- Ingaba kukhe kwakhiwa okanye kwalungiswa umhlaba kufutshane nomzi wakho? Oku kusenokunikela indawo omele uqala kuyo ukuhlola.
- Ukuba uyifumene loo ndawo ivuzayo phantsi komhlaba, ubungakwazi kusinina ukufakela upayipi okanye izifakeli ukuze ulungise oko kuvuza ngokwakho? Ukuba akuzi kukwazi, ngoko cinga ngokubiza iplamba evunyiweyo ukuze ikhangele le ndawo ivuzayo njengenxalenye yokulungisa.



Inkoliso yeendawo ezivuzayo phantsi komhlaba eneneni zona azizoprojekthi ongakwazi ukuzenzela ze-DIY. Xa uqinisekile ukuba zonke ezinye iindawo ezinokuba ziyavuzela zilungisiwe ukususela kwiitaphu, izindlu zangasese, iigiza, kodwa kusekho ukusebenza kwamanzi okubonakala ngokuchanileyo kwimitha yamanzi, inkoliso yabantu kuye kufuneke iqhagamshelane neplamba evunyiweyo ijonge loo ndawo ivuzayo ifihlakeleyo. Kodwa ke, ukuchazela iplamba ukuba iqale phi ukukhangela indawo evuzayo kusenokuba luncedo kwaye kunganciphisa iindleko zokulungisa.

Kungafuneka ucele iinkonzo zengcali ekhangela iindawo ezivuzayo ikukhangelele le ndawo ivuzayo isebenzisa izixhobo zayo zobuchwephesha.





**Imibuzo
esoloko ibuzwa.**

Ndiwavala njani amanzi kwindawo yokuvala onke amanzi eyintloko?

Itephu eyintloko (isitishi) kwipropati yakho iba yivalvu eyintloko evala onke amanzi. Yiyo le uyivalayo xa ufuna amanzi angahambi xa ulungisa indawo evuzayo. Ingaba luhlobo lwendawo yokuvala amanzi okanye ibe yivalvu eyibhola efakwe kupayipi endaweni ohlala kuyo phakathi kwemitha nendlu yakho. Ekubeni upayipi edla ngokuba phantsi komhlaba, kungenzeka kubekho indawo evuzayo. Maxa onke gcina le ndawo ikufutshane nendawo yokuvala amanzi ingaxinenanga kwaye icocekile ukuze uqinisekise ukuba uyakhawuleza ukufikelela kuyo xa kungafuneka ukuba kuvalwe amanzi onke angangeni endlwini.

Kutheni kubalulekile ukuvula isitishi sokuvala amanzi okanye ivalvu yokuvala kancinane?

Isitishi sokuvala amanzi okanye ivalvu yokuvala amanzi iyilelwe ukuba ivumele amanzi avalwe kancinane. Khumbula, ukuba esi sitshi sivalwe ngokungxama, usenokuva ukumbakrazeka okanye isandi sokungquzuleka kupayipi wakho wamanzi. Oku kukwabizwa ngokuba 'kukubetheka kwamanzi' kwaye kubangela ukunqumama ngokukhawuleza kwamanzi aqukuqelayo. Ekuhambeni kwexesha, oku kungenza iibrakethi ezibambe oopayipi zikhululeke, oku kwandise amathuba okuba kubekho ukuvuza. Ukuvala isitishi kumele kwenziwe ngocoseleleo kwaye kwenziwe xa kuyimfuneko kuphela.

Ngubani onoxanduva lokulungisa ukuvuza?

Xa imitha yamanzi ifakwe ngaphandle kwipropati ohlala kuyo, iSixeko saseKapa siya kukulungisa ukuvuza ukuba kuphaya kwimitha okanye kukupayipi ophantsi komhlaba ukuya kutsho kumda wendawo ohlala kuyo. Umnikazi okanye loo mntu uhlala apho nguye onoxanduva lokulungisa yonke indawo engaphakathi kwimida yakhe. Xa imitha iphakathi kwindawo ohlala kuyo, iSixeko siya kulungisa oopayipi ukuya kutsho ekungeneni kwimitha, kunye nemitha ngokwayo. Nceda uqinisekise ukuba iSixeko sinendlela ekhuselekileyo yokufikelela kwaba payipi nakwimitha yamanzi.

Ndzilungisile iindawo ezivuzayo. Yeyiphi enye indlela yokunciphisa ukusetyenziswa kwamanzi am?

Zininzi izinto ongazenza ukusebenzisa amanzi kancinane kumakhaya amaninzi nasemisebenzini. ligadi namaqula okuqubha asebebenzisa amanzi amaninzi. Awona manzi maninzi asetyenziswa kakhulu emizini kukuhlamba umzimba, ukugungxula izindlu zangasese nokuhlamba impahla. Ngoko, ngena eshaweni ixesha elincinane; waphinde ukuwasebenzisa amanzi; gungxula kuphela xa kuyimfuneko; faka iintloko zeshawa ezifanelekileyo neetephu; gquma iqula lakho lokuqubha uze utyale igadi ewasebenzisa kakuhle amanzi. Ezi nezinye iimbono ezingadli mali kwaphela, ezibiza kancinane ngokwenkcukacha zicaciswa ngokweenkcukacha kwiwebhusayithi yeSixeko kuwww.capetown.gov.za/thinkwater.

Sebenzisa amanzi ngobulumko, kwaye nceda nabanye benze okufanayo. Sebenzisa esi sikhokelo ukunceda ukhangele uze ulungise iindawo ezivuzayo, kwaye kwakhona jonga izikhokelo eziluncedo nenkcazelo ephathelele nezithintelo zosetyenziso lwamanzi, uMthetho kaMasipala waManzi nokulondoloza amanzi ku-www.capetown.gov.za/thinkwater

Ungalibizisi: xela oopayipi abagqabhukileyo, iimitha ezonakeleyo nakuphina ukophulwa komthetho kwizithintelo zosetyenziso lwamanzi:

- WhatsApp **060 018 1505**
- Tsalela kwa-**0860 103 089** (khetha u-2: iingxaki eziphathelele namanzi)
- Thumela i-Email ku-water@capetown.gov.za
- Kwi-intanethi usebenzisa isixhobo sethu sokucela iiNkonzo ku-www.capetown.gov.za/servicerequests

Ezinye iindawo ongafumana kuzo inkcazelo ngemeko yamanzi kwinkqubo yethu zifumaneka ku-www.capetown.gov.za/thinkwater

Iveliswe liSebe laManzi noGutyulo leSixeko saseKapa.

EyeSilimela 2022

Nceda uqaphele ukuba olu xwebhu lusengahlaziywa ngamaxesha athile. Tyelela u-www.capetown.gov.za/thinkwater ukuze uhlole ezona nguqululo zakutsha nje ongazidawunlowudela zona simahla.

www.capetown.gov.za/thinkwater



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.